*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*uMtshato weNtlanzi neNkukhu*
Illustrated by Siyasanga Madyibi
Written by Madoda Ndlakuse
Designed by Vuyisa Ngqawani
Edited by Linda Nelani
with the help of the Book Dash participants in Grahamstown on 12 November 2016.

ISBN: 978-1-928377-22-1

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# uMtshato weNtlanzi neNkukhu



Siyasanga Madyibi Madoda Ndlakuse Vuyisa Ngqawani

Kudala-dala kwakukho inkuku egama linguCikizwa nkuku leyo eyayiyinkedama.

Wathi esakhangela ukutya wabona intuku iphuma emngxunyeni wayo. Yamphoxa kanobomi esathetha nayo.



Walila uCikizwa ebuhlungu, egixa, yaxolisa intuku xa imbona elila.



Intuku yaxolisa kakhuulu kuCikizwa yamphathela isiselo esimnandi namaqebengwana batya, basela kunye kwamnandi kwanjeyaa.



Ukususela loo mini baba ngabahlobo abasenyongweni. Bagonana kwanzima nokuba omnye asuke komnye bebonisa uthando nobuhlobo obuqinileyo nenkathalo.



Wagoduka uCikizwa eshiya umhlobo wakhe ngoxolo.

Uthe elele uCikizwa weva ilizwi likaMama wakhe ephupheni lisithi “Utshata nini Cikizwa”? “Tyhini ndiyaphupha” waphaphama wavuka ebuthongweni uCikizwa.



Kwesi sixeko kwakukho indlovu ekhohlakeleyo neyayithanda ukuqumbisa nokucaphukisa uCikizwa ngamazwi ayo.



Wathi eyibulisa ngomdla yasuka yona yamphoxa, ihlekisa ngaye isithi, “Ha ha ha suka nkedamandini eqavileyo, ufuna ntoni kum, utsho ngokubhitya nje, ngathi uvinjwe umbona?” Weva kabuhlungu gqitha uCikizwa exheleke mpela emphefumlweni.



Endleleni egodukayo udibene noGusha Bhoqo wamphalazela imbilini yakhe ngoko nangoko. Wathuthuzelwa uCikizwa leli qhawe waxola wanalo noncumo.



Ugusha wade wamema uCikizwa ukuba eze kwisidlo sangokuhlwa kwakhe. Kwatyiwa umngqusho omnandi. Kwadlalwa umculo emva kweso sidlo. Wajayiva nosapho lwakwaGusha kwaqhum'uthuli wade walibala ngeengxaki zakhe xa zizonke.



Ngemini elandelayo kwanetha imvula enkuuuuulu, izilwanyana ezininzi zemka namanzi. Yayibuhlungu kakhulu le mini. uCikizwa wasindiswa kukuba ihoko yakhe yayenziwe yomelela ngutata wakhe esaphila apho wathi wenza nomjelo wokuba amanzi angadami.



Kwasa imvula imkile. Iintyatyambo ze gqi! ziyiloo mibala mihle. Kwakubeth'impepho ehlaziyayo.

Nanko uNdlovu torhwana elusizi eqhwalela yaye kunzima kuye ukuhamba, ebhonga nokubhonga. Okokoko wazalwa uCikizwa zange asive isikhalo esingako. uCikizwa wafowunela i-ambulensi ngokukhawuleza.



Wafumana uncedo uNdlovu, wabotshwa umlenze wakhe, wahlatywa neenaliti kamva intlungu zakhe zathomalala. Akuziva engcono wamncoma kakhulu uCikizwa ngobubele bakhe embulela ngala mazwi.

“Cikizwa mntwana wam uze ungatshintshi, hlala ulolu hlobo ululo uze uqhubeke uhlonipha yaye ubathande abantu nezilwanyana.”





Wazikhupha uCikizwa ngenye imini waya kumlambo okufutshane nolwandle. Kwakukho abantu nezilwanyana kulotywa iintlanzi ngaselunxwemeni apho, kusojiwa ezi ntlanzi zibanjisiweyo kutyiwa neerostile ezazibhakwe kakuhle zilafulafu.



Ethubeni uCikizwa waphawula ubuhle bentlanzi egama linguGumbi. Emva kokwazana kwabo babesoloko bechitha ixesha kunye nale ntlanzi. uCikizwa waqqiba ekubeni ayeke ukutya intlanzi ehlonipha uGumbi.

Izilwanyana zamane zihlekisa ngobu buhlobo bentlanzi nenkuku zisithi, “Inene le nto iza kuphelela emoyeni.’’

Basuka uGumbi noCikizwa bathandana ngokungakumbi. uCikizwa wafundiswa ukuqubha abethe is’gagamfu, isiqolo antywile nokuntywila. Kwelinye icala uGumbi wafundiswa ukuqhwaya ezikhangelela ukutya.

Intlanzi yacela umtshato kuCikizwa wavuma ngoko nangoko. Bobabini bagqiba ukuba mabatshate ngomGqibelo olandelayo kulaa ndawo yabo yesiqhelo.



Ngokwenene yafika imini ekade ixelwa.
Ilanga likhuph'intlanzi emanzini.
Wawungemhle umtshato yehaa!

Zatsho ngekwayala ecula kamnandi izilwanyana.
Kwakukho ooxam, iminenga, iingwenya, intini,
ookrebe, idolphin, iigusha, iinkomo, Izinja,
iimpunzi, imivundla, iincanda, izilenzi nezinye ke.
Zazimanyene kule ngoma:

Kumnandi aph'emtshatweni wentlanzi
kumnand'aph'emtshatweni weNkukhu



